VAKALISA ULUVO LWAKHO!
UKULUNGISWA KUMTHETHO KAMASIPALA OLUYILO ONGORHWEBO LASESITRATWENI UKUZE KUBENAKHO UKUQHUBA KOSHISHINO OLUNOKUFUDUSELWA KWENYE INDAWO

ISixeko saseKapa siye sayila ulungiso kuMthetho kaMasipala ongoRhwebo laseSitratweni ukuZe kuvumeleke ukuqhuba koshishino olunokufuduselwa kwenye indawo.

Ngokwecandelo17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ukususela ngowe22 kuCanzibe (Meyi) ukuya kowe22 kweyeSilimela (Juni) 2023.

Iziphakamiso zezilungiso ezi kuMthetho kaMasipala ongoRhwebo laseSitratweni zingaphononongwa kwiwebhusayithi yeSixeko saseKapa engu: www.capetown.gov.za/haveyoursay.

Izimvo, izilungiso okanye izindululo zingangeniswa:
- I-imeyile: Mobile.BusinessPolicy@capetown.gov.za
- Iwebhusayithi: www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Usingenise ngokwakho: kwiofisi yeBhungana ekufutshane nawe.

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala. Qhagamshelana noMbuthokazi Patience Kubashe kumnxeba 021 400 9808 okanye uimeyilele ku mbuthokazi.kubashe@capetown.gov.za.

Nceda uqhagamshelane noPaul Williamson kwa021 400 2808 okanye uimeyilele kwa Mobile.BusinessPolicy@capetown.gov.za ukuba unayo nayiphina imibuzo ngokumalunga nesiphakamiso semimandla engoshishino olunokufuduselwa kwenye indawo.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
CTA61/2023

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.